# INCWADANA YEENDABA YASE MATATIELE

VOL 2 ISIQWENGANA 2 – **XHOSA**

## Iziqulatho


Intshayelelo kaSodolophu 03

- UMphathiswa uQoboshiyane utyelela eMatatiele 04
- Ulutsha lwase Matatiele luyaxhotyiswa emva kweIndaba yeentsuku ezimbini 05
- UMasipala ufakela umbane kwizindlu enzingaphaya kwama 2000 06
- Kubhiyozelwa inyanga yoomama 06
- Iveki kaZwelonke yoTyalo lwemithi eMatatiele 07
- Iinkosi zicetyiswe ukuba zize nophuhliso ebantwini 08
- Iimbasa ngokusingqongileyo 09
- UMphathiswa uXasa udibana neenkokheli zemveli 10
- Ubuncwane base-*Sweet Matat* buthwala iziqhamo 11
- Ilali yase Mpharane iyakhala emva kokusweleka komnye wabahlali 11
- Iindawo ezintsha zokuvavanya abaqhubi beekhowudi C1 ne EC 12
- Indlela ezakujongisisa icebo lonxibelelwano kumasipala 12
- Umdyarho weMveli obanjwa rhoqo ngonyaka 13
- Abazakusebenza noluntu baqalisa ngokungenelela uqeqesho 13
- Kukhunjulwa yesi sikagawulayo kumhlaba uphela 14
- Urhulumente utyala izigidi-ngezigidi kwisibhedlela sesifo sephepha esiseKhotsong 15
- Urhulumenete uhlanganisa imizamo yokuzisa iinkonzo kubantu bakwii Wadi 15 no 16 16
- Siyindawo yokutyelela ekhethekileyo 17
- Abezengozi zendlela (*Road Accident Fund -RAF*) basa iinkonzo kufutshane nabantu 17
- Ngokwee foto zethu – oomatshini bokufota abaxoki 18-19


---


**CONTRIBUTORS**

Ms. Olwetu Gwanya: *Head of Communications*
Mr. Luncedo Walaza: *Senior Officer: Events, Marketing & Protocol*
Miss Khoboso Lebenya: *Senior Officer: Communications, IGR and Media Relations*
Miss Yamkela Nyembezi: *Communications Intern*



# Intshayelelo kaSodolophu

**- MATATIELE LOCAL MUNICIPALITY -**

Indenza ndibenovuyo olunzulu into yokuba ndibe nokunika ingxelo kubo bonke abantu abanomdla kwakunye nakubabahlali bebonke ngezinto uMasipala athe wazenza.

Kwakhona sisaqhubeka kwindlela yokusoloko sidibanisa iintloko kunye nabo bethu abanomdla kwiSicwangciso sethu Sengcebo esikhokela uPhuhliso (IDP), kuba siyathemba ukuba, njengenxalenye yeminyango karhulumente esondeleyo ebantwini sithwele uxanduva olusinyanzelisa ukuba sikwazi ukukhawuleza sifezekise iimfuno zabahlali.

Simane ke sijongisisa indawo esime kuyo ngokwemeko yophuhliso nangokwenkqubo yokuzisa iinkonzo ebantwini kanti kwakunye nangeenjongo zethu ezingundoqo ukuqinisekisa ukuba iimfuno zabo banomdla kwakunye nabahlali ziyafezekiswa, kaloku izinto zinokuhamba zimane zitshintsha-tshintsha ngenxa yokumana kuguqu-guquka iimeko zentlalo-ntle noqoqosho.

Siya phendula ekushiyekeni ngasemva kufakelo lombane UmMasipala wase Matatiele wenqila uyaqhubeka ngokulungisa okushiyeke ngasemva xa kuthethwa ngeenkonzo eziya ebantwini, enye yezo zinto eziphambili ibilufakelo lombane. Iiprojekthi ezininzi seziyaqhubeka kumawadi 3, 5, 9 kwakunye no 18 ukunika ubungqina. Kwezi projekthi zombane, eziqikelelwa kumawaka amabini anamakhulu asithoba namashumi amahlanu ezindlu seziyafakelwa umbane yaye kuvuleka namathuba emisebenzi.

Ezi projekthi sithetha nje sezisiya ekusongweni kwezindawo zilandelayo: Chibini, Pamlaville, Nkali, New-Resh, Thotaneng, Nyaniso-Nnkalweni, Bubesi, Mohareng, Madlangala, Mahangwe nase Edrayini. Phaya kwikota yesibini yonyaka, uMasipala wathi wazisa ngonokontraka i-*Rock Powerline Electrical* ozakufakela umbane kwizindlu ezingamakhulu amabini ezinamashumi amathathu anesine eMphoshongweni-Nkali kwawadi 9. Umsebenzi we-*Rock Powerline Electrical* uqale ngoAgasti 2017.

Umasipala ujonge ngemehlo elinenkathalo imeko yeendlela ngenxa yeemvula ezinkulu ezithe zanetha. Sineendlela ezininzi esiva ukuba zonakele. Umasipala uneendlela ezingenza umgama ongama 678km, ezinye zezi ndlela zakhiwa phambi kokuba kubekho lo masipala ngonyaka ka 1996. Ezi ndlela sithetha nje ngoku zonakele, njengomasipala ke onenkathalo sesiqalile ukulungisa ezinye zazo.

Eminye yemisebenzi yethu sele ibonakala kwezi ndawo zilandelayo: Wadi 8 Nchodu 2,7 km, Wadi 9 Siphola ukuya e-Afsondering 2,9km, Wadi 13 Thababosiu 3,9 km Wadi 17 Sigoga 5,1km, Wadi 18 Rolweni ukuya e Fiva 3,4km Wadi 19 Harry Gwala 2km, Wadi 11 Mapfoentein 4km. Siyaqhubeka ngokujonga imeko yeendlela zethu phakathi eMatatiele nakwimimamdla esingqongileyo ukwenzela ukuba sikwazi ukunceda ngokukhawuleza sisebenzisa uganda-ganda kamasipala.

*Ndiyabulela.*

**Ceba Momelezi Mbedla: USodolophu**

# Ithuba lokuba iMatatiele ibeluhlaza

"Ndiqinisekile ukuba u-O.R. Tambo ebeya kuzingomba isifuba kukubona into yokuba thina singurhulumente kwakunye nabezoshishino siyasebenzisana ukunyusa izinga lezentlalo-ntle nomnotho wabantu bethu. Khumbula ukuba yiyo kanye nqo into amagqala omzabalazo anje ngaye ayelwela yona."



Ukuqala ngasekhohlo ukuya ngase kunene: UMnu. M. Rapiya (onguSihlalo kwiBhodi i-Masisizane Trust Fund), UNkosk. Mofokeng (owawongwa ngenxa yefama yakhe enolawulo olubonakalayo) UMphathiswa wezoPhuhliso eziLalilini, noTshintsho kuLimo uMnu. Mlibo

Ngosuku lwesi-7 kuJulayi ngowe 2017 kubonakale lSebe lezoPhuhliso noTshintsho kweZolimo kwiPhondo kwakunye nabombutho iMasisizane Fund beyenza iMatatiele ijike ibeluhlaza. Oku bekubhiyozelwa iminyaka elishumi yokusekwa kwe-Old Mutual Flagship. Injongo ibukukuphuhlisa ushishino kulimo nokwenza ityathanga okanye unxulumelwano nokwakha amathuba ukulungiselela oonofama kwizithili zikaMasipala e-Alfred Nzo kwakunye neHarry Gwala. Esamkela ababehambele kuloo mcimbi bengamandwendwe uMphathiswa wezoPhuhliso eziLalini noTshintsho, uMphathiswa Mlibo Qhoboshiyane, isekela likaSodolophu wesiGqeba uCeba Sandile Sello, baye bayithanda into yokusebenzisana phakathi kukarhulumente nabezoshishino. Le nto sele kuqaliswe ngayo ngokwenene iyakuhamba indlela ende ekushukumiseni ezomnotho kwisithili sase Alfred Nzo nakwiphondo lase Mpuma Koloni.

"Ndiqinisekile ukuba u-O.R. Tambo ebeya kuzingomba isifuba kukubona into yokuba thina singurhulumente kwakunye nabezoshishino siyasebenzisana ukunyusa izinga lezentlalo-ntle nomnotho wabantu bethu. Khumbula ukuba yiyo kanye nqo into amagqala omzabalazo anje ngaye ayelwela yona," utshilo uCeba Sello.

Ethetha noonofama base Matatiele, uMphathiswa Qoboshiyane wabakhuthaza abantu baqalele phantsi benze njengokuba kwakusenziwa mandulo batyale imali ngamandla kulimo. Oku kungancedisana nemizamo karhulumente kumacebo akhe okulwisana nentlupheko. "Asingorhulumente yedwa kuphela onokuthothisa ukuhlupheka. Ngokuthi sixhase ngemali imibutho ethile engajonganga nzuzo, oonofama abasakhulayo, neminye imizamo nje yabantu, senza into yokuba kubekho intsebenziswano ngenjongo zokwenza ukuba ubomi babantu ekuhlaleni bubengcono," utshilo. UMphathiswa uye wathabatha ixesha encoma ababambe iintambo eMasisizane. "KuMhlali ngaPhambili weBhodi noLawulo eMasisizane, njengorhulumente siyavuya kakhulu ukuba sathi sasebenza kunye nani ukuphuhlisa oonofama abasaqalayo", utshilo uQoboshiyane.

Ngale mini yalo msebenzi kuye kwabonakala oonofama baseMatatiele nabaseMzimkhulu benikwa iimbasa ngemisebenzi yabo elungileyo abathe bayenza ebandakanya nokuzama ukuphucula ubomi babantu abangahoyekanga. La maqhawe athe awongwa ngezi mbasa ibe: yeyona fama inolawulo olubalaseleyo yanikwa ke i-Claybrook Farm, umniniyo ongu Nkosk. Mofokeng wase Matatiele, eyona iphambili kuveliso lweembotyi zesoya yathi yaya kuMnu. S. Rafu wase Sharpers Hope Farm, kwalapha eMatatiele.

Sibanqwenelela impumelelo – mabanqandwe sisibhakabhaka kwimizamo yabo!



Ukuqala ngasekhohlo ukuya ngase kunene: Isekela likaSodolophu wesiGqeba uCeba SandileSello, Oyena Kopoletyeni weZolimo: Umnini we-NMZ Greening Cooperative, uSodolophu uMomelezi Mbedla, uNgqongqoshe kwi Masisizane Fund uNkosk. Z. Nyanga kwakunye noNkoszn. S. Mdlalo ophuma kwisebe loPhuhliso lweeLali nemiHlaba.



Eyona fama ibalaseleyo – abavelisi bembotyi zesoya: Sherpa's Hope Farm, uMnu. S. Rafu.

# Umasipala wasekuhlaleni iMatatiele uzimisele ngokuxhobisa ulutsha

Kwikota yokuqala kunyaka wezeemali we-2017/2018 siye sabona umasipala wase Matatiele uhlanganisa ulutsha phantsi komnquba omnye umamela izikhalo nezinto abazifunayo. Le ndibano ethe yabizwa ngokuba yi-Youth Empowerment Indaba ibijolise ekwakheni iqonga lokuba ulutsha lukwazi ukunxulumelana, lufundisane yaye lukwazi nokuxhobisana ngezinto eziyakuba luncedo kubantu abatsha.

Ulutsha luye lwakhuthazwa ukuba lucinge ngezinto olunokuzenza ezinkulu lukwazi nokuncedisa umasipala ukuba aqhubele phambili, nanjengokuba urhulumente esaqhubeka etyala imali kwimfundo nakuphuhliso lwezakhono. Kwiintsuku ezimbini emva kokuvulwa kwale ntlanganiso, ezinye izinto ezithe zaxoxwa zibandakanye oku: ukulwisana nokunqaba kwemisebenzi, ukuxhobisa abanezakhono, imeko yezoqoqosho kulimo, oosomashishini olutsha kwakunye nolimo, ukuphila impilo elungileyo, nolwazi lweekompyutha ukuncedisana nokwandisa ulwazi kulutsha.

"Medelakufa, ixesha sele lifikile kuni ukuba nizikise ukucinga ukuba ningenza njani na ukwakha imeko yezoqoqosho yabantu bonke eyakwenza ukuba kuvuleke amathuba amaninzi ukulungiselela ulutsha into ke engabonisa nemeko yesimo sabantu kumasipala walapha," omele uSodolophu uCeba Thembeka Dyantyi utshilo esamkela abantu ababeze kuzimasa intlanganiso leyo..

Ngaphezu koko, intlanganiso yathi yanika umkhomba-ndlela kubo bonke ababenomdla nangakumbi kurhulumente, ngokudibene nophuhliso lolutsha eMatatiele.

Urhulumente ukholelwa ukuba imfundo nophuhliso lwezakhono lubalulekile yaye lungundoqo kulutsha ukuba lukwazi ukuncedisa ekuqhubeleni phambili ezoqoqosho, nangakumbi sele kubonakala nje namhlanje nje ukuba ulutsha lulo lolona luninzi nangaphezulu kwabantu bonke abakhoyo kumasipala walapha.

Emva kawale ntlanganiso, umasipala uzokwazi ukuqulunqa indlela eyiyo yokuxhobisa nokukhuthaza ulutsha, into ke eyakuba sisixhobo sokubonisa indlela yokuphuhlisa ulutsha eMatatiele.

Eyona nto ingundoqo kurhulumente kukugxininisa ukuba ulutsha lufumane imisebenzi kwicala likarhulumente nakweloshishino.

Kuye ke kwabakho isithembiso isiqinisekiso esaphuma kwababehleli ngaphambili bexovula le nyewe yokungabikho kwemisebenzi nokuvulwa kwamashishini sokuba kusetyenziswane ukukhuthaza uphuhliso lolutsha.
Ulutsha lona lwaye lavela nento yokuba kuvulwe iofisi yolutsha kubekho nabantu abathile abazokwazi ukuphumeza amalinge okanye iinkqubo zolutsha. "Ingxowa-mali ephuma kumasipala nakumasebe karhulumente kuza kufuneka isekiwe ukuxhasa amashishini olutsha," lutsho najlo ulutsha. UMasipala ufuna okanye angathanda ukwenza ilizwi lombulelo kubo bonke abaxhasi nabathe babonisa umdla ekuphuhliseni ulutsha lwase Matatiele.



Omele uSodolophu, uCeba Thembeka Dyantyi esamkela ulutsha kwiYouth Empowerment Indaba



Ulutsha oluphuma kumawadi ahlukeneyo ase Matatiele oluthe lazimasa lendibano ethe yabanjwa iintsuku ezimbini.

# Umasipala ufakela umbane kwizindlu ezingaphaya kwama 2000



Umasipala wase kuhlaleni eMatatiele usaqhubeka ngokujongana nzulu ngokusilelayo ekuziseni iinkonzo ebantwini, umbane uyenye yezinto ezibekwe phambili. Iiprojekthi ezininzi seziyaqhubeka kumaWadi: 3, 5, 9 naku 18, kwaye zibubungqina yento eyenzekayo. Ngenxa yeziprojekthi zombane, ngaphaya kwamakhaya kwama 2000 asele efakelwe umbane, yaye loo nto iye yabangela nokuba kuvuleke namathuba emisebenzi.

Ngowe 3 ku-Agasti, uMasipala waya weza nenkampani yoshishino eyaziwa ngokuba yi-*Rock Powerline Electrical* – lo nokontraka waqeshelwa ukuba afakele umbane kwizindlu ezingama 234 eMphoshongweni–Nkali kuWadi 9 . Umsebenzi we-*Rock Powerline Electrical* uqale ngowe 15 ku-Agasti, 2017 yaye ulindeleke ukuba ayisonge iprojekthi ngoFebruwari 2018. Ethetha yaye emele abahlali belali i-Palmaville, uMnu Simphiwe Sabisa uthe: "Siyayincoma imizamo kaMasipala wethu yaye siyathembisa ukuba sisebenzisane nonokontraka lo uqeshiweyo ngelixesha asasebenza kunye nathi. Sizakuqinisekisa ukuba akukho monakaliso owenziwayo nangubani na umntu ohlala apha".

# Kubhiyozelwa inyanga yoomama

Wathint'abafazi, wathint'imbokodo!

Ngokuhambiselana nenyanga yoomama, uSomlomo webhunga lomasipala waseMatatiele, uCeba Nomasomi Mshuqwana, kwakunye nomele aMajoni ezoKhuselo eli loMzantsi Afrika (SANDF), nokwa nguMongameli weNkolo kumaCandelo okuNcedisana noPhuhliso, uBrigadier General Bobelo, uye weza ngaphambili nento eyathi yachukumisa abantu.

Uye ke wancediswa ngamasebe athile karhulumente, yaye ke ekwadibene nombutho owaziwa ngokuba yi-Uzusithwale, ivenkile ebizwa ngokuba yi-Matatiele Superspar kwakunye neSatsha Health & Fitness Gym, kwanikezelwa ke paho ngamalaphu ezengcoceko kubafundi abangamantombazana abazidingayo ezo zinto kwisikolo i-Lepheana Secondary School. Ngokwenza oku, ibikukuzama ukubuyisela isidima sabafundi abangamantombazana kukhuthazwa kananjalo ezintombi ukuba ziyihloniphe imizimba yazo zaya zisoloko ziyijongile.

"Ngale nyanga sikhuthaza wonke umntu ancedisane ne-*Health and Fitness Gym* kuncedwe apho sibona kufuneka uncedo khona. Asingekhe siyivumele into yokuba amantombazana ethu akakwazi ukuya esikolweni ngenxa yento yokuba ekulemeko idaliweyo nabangenakuyinceda", utsho njalo uBrigadier General Bobelo. Uye kwakhona wenza isimemelelo kumalungu ezokhuselo weli abekwe eMaluti ukuba ijoni ngalinye libe nomntwana elizakumenza owakhe, umntwana abone kulo indlea yokuziphatha nokwenza izinto ezithile.

USomlomo webhunga uCeba Mshuqwana uye wakhuthaza Ubuntu eluntwini, ukuzidla nokuzihoya, nocwangco. UMasipala nabo bancedisana naye usezakuqhubeka ngalo msebenzi abasele bewuqalile, yaye uzakusiwa nakwezinye iindawo ukwenzela into yokuba abo bangenanto okanye abo bangathath' ntweni oomama baseMatatiele nakwiziphaluka bakwazi nabo ukuxhamla. Imizamo yale mibutho isebenzisanayo sele iqokelele amalaphu ezongcoceko aqikelelwa kwikhulu yaye izakuqhubeka le nkqubo ade aphele u-Agasti kuye kuma ngapahaya kwakhe.

Njengokuba le iyinto ezakuhlala iqhubeka , abantu nabo bayacelwa ukuba bathabathe inxaxheba. Shiya onokuphisa ngako kwiofisi kamasipala ejongene noku.




Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: UCeba Ntlhokomeleng Maketela, UsiHlalo weQumrhu looMama, uCeba Nomasomi Mshuqwana, onguSomlomo kunye no Brigadier General Bobelo





Iinkokheli eziyikhathaleleyo intlonipheko nesidima sabantwana abangama ntombazana





# Iveki kaZwelonke yotyalo lwemithi eMatatiele

Ulimo lwemithi e-Cedarville: Ukusuka ekhohlo: uSodolophu we Alfred Nzo uCeba Sixolile Mehlomakhulu, owase Matatiele uSodolophu uMomelezi Mbedla, uCeba wakwa Ward 26, uThabiso Mohoto, oLawulayo kwikomiti ejongane nokuzisa iinkonzo uCeba Sicelo Maphasa, uMphathiswa wezoLimo, Amahlathi kwakunye nokuLoba uMnu Senzeni Zokwana kwakunye noweMpuma Koloni woPhuhliso eZilalini neNkqubela kuLimo uMnu Mlibo Qoboshiyane. Le mifanekiso ithathwe xa bekuytalwa imithi eCedarville njengenxalenye yokubhiyozela iveki yotyalo lwemithi

UMphathiswa weZolimo, aMahlathi nokuLoba, uMnu Senzeni Zokwana, uye wavula ngokusesikweni kwibala lemidlalo i-North End Stadium, eMatatiele, iveki kazwelonke yotyalo lwemithi. Oku kwenzeke ngokusebenzisana neSebe loPhuhliso eziLalini kwakunye Nkqubela kuLimo eMpuma Koloni (DRDAR), uMasipala wesithili sase Alfred Nzo, uMasipala wase Matatiele nosomashishsini othe wafaka isandla, i-*Total South Africa*.

UMphathiswa waye wanikezela ngemithi yepesika engaphaya kwekhulu kuCeba Thabiso Mohoto ophuma kwi-Wadi 26 ukuba le mithi inikwe imizi engama 50. Umzi ngamnye uzakufumana imithi emibini njengenxalenye yemizamo yokufaka isandla ukuqinisekisa into etyiwayo phakathi koluntu.

Njengenxalenye yale nkqubo yokutyalwa kwale mithi, kucingelwa into yokuba xa sele isongwa le nkqubo, imithi engama 3000 iyakuba sele imiliselwe kuMasipala wonke wase Matatiele.

UMphathiswa uwuqale lo msebenzi wotyalo lwemithi ngokuya kubona ezinye ii-projekthi kwingingqi yase Cedarville. UMphathiswa uMnu Mlibo Qoboshiyane, uSodolophu wesithili sase Alfred Nzo uCeba Sixolile Mehlomakhulu kwakunye noSodolophu uMomelezi Mbedla baya batyala imithi yeziqhamo kukopoletyeni wosapho oluthile owaziwa ngokuba yi- Ingcambu Agricultural Development kwalapho eCedarville banikezela nangeembewu zemifuno. Uninzi lwemifuno olulinywayo luthi lakulunga lusiwe kumatile-tile okanye kwinkqubo y okutyisa abantwana ezikolweni zengingqi.

Oko kuye kwalandelwa ngokulima eminye imithi kwisikolo sabakhubezekileyo esaziwa ngokuba yi-Maluti Multi-Disability School kwakunye nakwisikolo samabanga aphantsi esaziwa ngokuba sona yi-GI Primary School esikwalapho e-Cedarville. Esi sisikolo esisandul'ukwakhiwa ethe sacela ukuba sinikwe imithi yokunqanda umoya, kuye ke kwanikiswa ngemithi enga 30 yaye uMphathiswa nabo babekunye naye behambele apho batyala imithi esi-7. Lo Msebenzi wotyalo lwemithi waye wagqityezelwa ngokutyala eminye kanye xa ungena edolophini yase Matatiele.

Esamkela abo babehambele apho abaye babalelwa kuma 3000 obekekileyo uCeba Mbedla wagxininisa into yokuba uMasipala waseMatatiele ngomnye womasipala ephondweni onendawo ezilungele ukulinywa kwamahlathi angathi asetyenziswe ookanye athengiswe . Kulo mhlaba wethu, sizidla ngamahlathi alinyiweyo akhoyo phakathi kwethu angaphaya kwama 500 xa kubalwa.

Uye wabongoza abaMphathiswa, owelizwe lonke kwakunye nowaseMpuma Koloni ukuba basebenzisane nomasipala kuvulwe isikolo samabanga aphakamileyo apho kuyakuthi kufundiswe nangolimo. “Sibone into yokuba ulimo nemveliso izezona zinto ezifaka isandla kuphuhliso lwezoqoqosho kulo masipala wethu. Ngokuhambiselana noku, ngexesha besihambela iinkqubo zethu, siye sacelwa ngabantu ukuba sivule isikolo esiphakamileyo esizakugxininisa kulimo. Kungoko ke ndinibongoza zinkokheli ukuba sisebenzisane ukuqinisekisa ukuba oku kuyenzeka, " uye watsho.
Imali ebalelwa kwi R2,4m ithe yabekelwa bucala ukwenza luhlaza lo mmandla kule veki ukwenzela ukuba kutyalwe le mithi. Iposi yeli loMzantsi Afrika (*South African Post Office*) ithe yanikezela ngemali ebalelwa kwi R2,4m ukwenzela olutyalo lwemithi. Iposi izakusa imithi eRhawutini eqikelelwa kwixabiso olubiza ama R 50 000. IPosi izakunikezela kwananjalo ngemithi yomthonyama eyakuthi ilinywe eMatatiele nakude-kufuphi apho.

Lo mcimbi ububanjwe phantsi komxholo othi: "Amahlathi kwakunye naManzi", ngenjongo zokugxininisa kulimo yemithi yomthonyama ekwaziyo nokugcina anamzi. ISebe libonisa phambili imithi ebalaseleyo kulo nyaka. Ngalo nyaka umthi owaziwa ngokuba yi-Buffalo Thorn kwakunye nomnye obizwa ngokuba yi-Ebony Tree iye yakhethwa njengeyona iphambili kulo nyaka. Imithi yonyaka ikhethwa kwecacayo into yokuba ayisabonakali ndawo okanye ayisaxhaphakanga, ukusuka apho iyaphela kwimbali yethu. Omnye umthi kuye kucace into yokuba uxhaphakile, omnye wona kubonakale ukuba uthanda ukunqaba emehlweni abantu.

Usodolophu kuMasipala waseMatatiele uMomelezi Mbedla esamkela ababelapho kwakunye nabahlali base Matatiele.



# Iinkosi zicetyiswe ukuba zize nophuhliso ebantwini

Njengenxalenye yomsebenzi weSebe lentsebenziswano yorhulumento kwa neMicimbi yeMveli ukwenzela into yokuba kubekho isidima kwiinkokheli zemveli, uMphathiswa uMnu Fikile Xasa uthe wagaleleka kwinqila yakwa Nkosana eMaluti ukuza kumisela ngokusesikweni uNkosi Mhlabuzolile Nkosana.

UCeba Sandile Sello ongusekela sodolophu eAlfred Nzo xa ebethetha esamkela abantu uthe ukumiselwa kuka Nkosi Nkosana kukuzalisekisa kwesithembiso abasenzayo kookhokho ababesilwa nenkqubo yobandlululo bengafuni into yokuba inyanzelise iinkosi ngendlela abathanda ngayo babhale nemvelaphi yabo ngendlela engeyiyo.

"UMgaqo-siseko wethu zange uphelise iiNkokheki zoMthonyama kodwa ukhuthaza intsebenziswano bakathi kukarhulumente kunye neenkosi. IiNkokheli zeMveli azivotelwa kwizihlalo zazo yaye silapha kungoku nje ukuzokungqina ukumiselwa kwenkosi", utshilo uCeba Sello.


Nkosi Moshoeshoe esamkela inkosi uNkosana kulawulo lwemveli

"Umphathiswa uXasa uthe ayingomsebenzi wabo njengorhulumente ukukhetha iinkosi, umsebenzi karhulumenete yena nje kukuzivuma okanye uzamkele. "Eli lizwe lethu likhokelwa ngumgaqo-siseko ukususela ngowe 1996 yaye iiNkosi kufuneka zikwazile oko", utshilo uMphathiswa.

Uthe ingingqi yolawulo eNkosana ubukhosi bakhona buquka iilali ezintathu yaye kuba le ngingqi isakhiwa, iinkosi kubhenelwa kuzo yaye kunokubakho ukungavisisani neenkundla zamatyala kude kungenelele iKhomishini ephethe aMabango eeNkosi zeMveli nokuNgavisisani eyathi yabunjwa.


"Siye sajikeleza iPhondo lonke liphela ngenyanga kaDisemba ngowe 2015 neNkulum buso sihamamba sisazisa ngeziphumo zeKhomishini saye sahambisa uMthetho oQulunqwe nguRhulumemente ukwazisa nokuxelela abo kufuneka behlile kwizihlalo zabo, abanye bavuya abanye zange ibavuyise loo nto", utshilo uMphathiswa. Uthe isizathu sesokuba urhulumente uyazamkelisa imali iinkosi ngenxa yoko ke kanye ngoku wonke umntu ufuna ukuba yinkosi. Uthe emveni kokuba ixazululwe le nkinga, uluntu luye lwanyanzeleka ukuba lufake iinkosi ngendlela ehambiselana nemveli. Uye walekela ngelithi ikomishini kufaneleke isonge umzebenzi wayo ngowe 31 kuMeyi 2017 kodwa ngenxa yokungavisisanii okuninzi ixesha liye longezwa ezinye ezintathu.

Uthe umyalelo ophuma kurhulumente ngowento yokuba abantu beelali bayakholelwa kumasiko nezithethe kengoko ke iinkosi ziza nenkqubela ebantwini bazo, utshilo uXasa. Uthe eyona nto ihluphayo kubantu baseMaluti kukubiwa kwemfuyo ngabantu base Lesotho abangommelwane kubo.

UMphathiswa uye wabongoza iinkosi ukuba zincedisane norhulumente ukwehlisa izinga lokufa kwabakhwetha yaye iinkosi ziza kuphendula kurhulumente xa ukufa ebakhwetheni kuqhubeka kwiingingqi zazo.

Ephendula uNkosi Mhlabuzolile uye wabongoza abalandeli bakhe ukuba bamncedisa aze nenkqubela kubo. Uthe kananjalo urhulumente uthembisile ngokuqulunqa okanye ngokuza namabhunga emveli kubo. "Ukuba loo nto ingenzeka, singonwaba kakhulu", utshilo.


UMphathiswa uXasa enikezela ngesiqinisekiso esingqina ubukhosi ku Nkosi Nkosana


UCeba uSello, kwakunye noMphathiswa uXasa ngexesha bekusamkelwa uNkosi Nkosana


Osandul' ukwamkelwa uNkosi Nkosana wenqila yakwaNkosana

# Isikolo i-Bergview College sibuye nembasa kukhuphiswano ngobume bokusingqongileyo

Ukhuphiswano ngobume bokusingqongileyo olujongise ekukhuthazeni izikolo ziphucule imeko yokusingqongileyo ngokuqhubeka zisebenzisa into ekhoyo. Ukhuphiswano lujongise kananjalo ekufundiseni ngamathuba akhoyo okufumana ulwazi, okuxabisekileyo, ngeengcinga, ukuzimisela nezakhono ezifunekayo ukukhusela nokuqinisa imeko zokusingqongileyo ngokuthi abafundi bafumane ithuba lokuba bathabathe inxaxheba ekusombululeni iingxaki zeemeko zokusingqongileyo.

Kungenxa yesisizathu esenze ke ukuba kubanjwe indibano yokufundisa (workshop) ngowe 02 Agasti 2017 eKokstad yeetishala ukubalungisela bakwazi okulindelekileyo okanye okuya kufuneka kwiskolo ngasinye esiya kuthabatha inxaxheba. Kwixesha elidlulileyo izikolo zaye zahanjelwa, kodwa ke ngenxa yokwanda kwamanani ezikolo ezingenelela lo mnhyadala kunyka ngamnye kuye kwabakho ubunzima. Kungenxa yoko ke kuye kwacetywa lentlangano.

Izikolo zamabanga aphantsi nezamabang aphezulu zingalungenela olukhuphiswano yayae kuvumeleke into yokuba kungathabatha inxaxheba abafundi abangagqithanga kwisine. Umxholo ozakuxoxwa phantsi kwawo zizikolo eziphakamileyo ngophantsi kwentloko ethi: "Ukuchankcatha phakathi kokufunwa kokusingqongileyo nokufunwa yimeko yezoqoqosho".Umxholo ozakuxoxwa phantsi kwawo zizikolo zamabanga aphantsi ibe ngothi: "Ukuphilisana ngendlela evumayo nokusingqongileyo'.

Kuye kwathabatha inxaxheba izikolo ezine (4) nezilishumi elinesine zamabanga aphantsi. Ngokwesiqhelo, amabanga aphantsi ngawona athi abenomdla kolu khuphiswano ukodlula aphakamileyo.

Amalungiseleleo olu khuphiswano kwingingqi aqale ukwenziwa kwinyanga kaJulayi xa izikolo zivulwa kwakhona ngenxa yento yokuba izikolo bezimanxada-nxada kubhalwa iimviwo ngenyanga kaJuni. Kodwa ke ukusa iifomu zokungenela lo mnydala kwizikolo ngezikolo kwakunye nezinye izinto ezifunekayo oko kuye kwenzeka kuselithuba phaya kuAprili.

Iijaji zolu khuphiswano beziphuma kumbutho owaziwa ngokuba yi-*Environmental and Rural Solutions*, kwakunye nakomnye umbutho owaziwa ngokuba yi-*Conservation South Africa*, kwiSebe likaRhulumenete elijongene nokuSingqongileyo, kwiqumrhu elibizwa ngokuba yi-*Eastern Cape Development Agency* elimelle uphuhliso kwakunye nelo ke elijongene nokhuseleko lwezilwanyana elibizwa ngokuba yi-*Endangered Wildlife Trust*.

Olu khuphiswano luye lwabanjelwa kwiholo kaMasipala wase Harry Gwala, eMatatiele, ngowe 24 ku-Agasti. Olu khuphiswano luqhubeke kwiindawo ezimbini. Izikolo zamabanga aphantsi zisebenzele kwiholo i-Harry Gwala, izikolo eziphakamileyo zona kwiholo yecawe yaseWesile. Ezinye izikolo ziye zarhoxa ukungenelela lomnyhadala ngenxa yokungenzi amalungiselelo ngakumbi kwinto edibene nokuphosa ixesha ekuvalwa ngalo nokudibene nezinto ezifunekayo ukwenzela ukuthabatha inxaxheba kulo mnyhadala. Singathanda ukuncoma bonke abathi baphumelela, isikolo i-Bergview College eMatatiele.

Isikolo i-Bergview College sithe samela lengingqi kuKhuphiswano lweeMbasa zePhondo ezithe zabanjwa ngowe 14 kuSeptemba e-Port Alfred kwihotele eyaziwa ngokuba yi-Fish River Sun. Kwinqanaba lamaphondo, iDidi Senior Primary School ithe yaphuma phambili yabuya nemali engange R115 000, yona i-Bergview College yabuya nendawo yesine yanikwa imali engange R40 000. Ezi zikolo ziza kungenisa indlela ebhaliweyo necacisa ukuba ziza kusebenza njani na, yaye imali eziyifumeneyo izakusetyenziswa kwiiprojekthi ezizakukhusela okusingqongileyo.




Isikolo i-Bergview College esithe sazenzela igama ngokuthi sibuye nama R22 500.




# Umphathiswa u-Xasa udibene neenkokheli zemveli zase Matatiele

Kanye phambi kokuba ixesha lolwaluko luqale, uMphathiswa woKusebenzisana kuRhulumente kwakunye nemiMicimbi yeMveli (CoGTA) kweli lase Mpuma Koloni uMnu Fikile Xasa, uye wahlangana neeNkokheli zeMveli eMatatiele. Ehlangene nesithili saseAlfred Nzo kwakunye neenkokheli eziphuma kuMasipala waseKuhlaleni kwakunye neminyango yamasebe athile karhulumente, isizathu sale ntlanganiso ibikukuxoxa ngezinto ezihlangene neeNkokheli zeMveli noLawulo kwakunye nezinye izinto eziquka ukuziswa kweenkonzo kwingingqi.

Ethetha neeNkokheli zeMveli, uMphathiswa uXasa uye wayibeka into yokuba "kubalulekile njengorhulumente sikhuthaze ukuba abantu bathabathe inxaxheba kwizinto ezidibene nabo, yaye iluxanduva lwethu ukuphucula izinto zokusebenza nokuzisa iinkonzo ebantwini", utshilo uMphathiswa.

Uye waqhubela phambili echaza into yokuba ulwaluko yinto yeli lizwe lilonke nabantu bakhona. Ngenxa yesi sizathu, urhulumente naye uthabatha inxaxheba kulwaluko "esenzela nje kuphela ukukhusela ubomi babakhwetha."

UMphathiswa ebephendula isicelo samalungu ombutho i-*Matatiele Maluti Initiation Practitioners* ukuba akhe inqumamise loMthetho wolwaluko eMatatiele nase Mount Fletcher kude kube ngunyaka wama 2019. Iinkosi ziye zathi amacebo azo okulungiselela ulwaluko sele elungile yaye ebesele elindele nje ukusebenza ngeli xesha umthetho othe waphunyezwa ngalo.

"Siye sazinonophela izinto ezivele ngamalungu e-Initiation Practitioners. Umthetho kodwa ubusele uncedile ukuhlisa izinga labakhwetha elibhubhayo neengozi ezithe zenzeka ebakhwetheni kwixesha lolwaluko lasebusika kungenxa yoko singakwazi ukuwunqumamisa lo mthetho kwiPhondo lilonke nase Matatiele," utshilo uMphathiswa uXasa.

URhulumente ukhuthaza amalungu e-MMIP ukuba asebenzisane kwakunye nombutho owaziwa ngokuba yiTraditional Initiation Forum ngenjongo zokuza nesisombululo sezi ngxaki zikhoyo.

"Urhulumente ukulindele ukuba angacetyiswa yaye akhokelwe nokukhokelwa kwimicimbi edibene nolwaluko," utshilo.

Ngaxesha-nye, uMphathiswa uXasa uye wakhuthaza abasebukhosini ukuba basebenze ngamandla ekuqiniseni balungise imeko yemibutho yenkokheli zemveli kwiPhondo ukwenzela ukuba kusonjululwe ingxabano nokungaboni ngasonye phakathi kwazo. "Iinkokheli zemveli kufuneka zikhusele imibutho yazo angajiki le mibutho abeyinto yokwenza imali. Olu krutha-kruthwano kuthiwa lukhona lungangcolisa igama nesidima sale mibutho," utshilo uMphathiswa uXasa.

UMphathiswa Xasa uye kananjalo wamemela iinkokheli zemveli ukuba zilwisane nobandlululo lobuhlanga, endaweni yoko bakhe uMzantsi Afrika omnye osisisekelo sawo ilumanyano, ukungabikho kobuhlanga, i-demokrasi nokuchithwa-chithwa kobandlululo ngenxa yesini somntu..

Uye waleka ngelithi uMzantsi Afrika lilizwe elinye nemida eyahlula amaphondo akhona yimida nje engabonakaliyo, ephendula kuloo ndawo umbuzo odibene nemida. UMphathiswa uXasa uthe urhulumente umaxhaphetshu wkha uMzantsi Afrika omtsha nokuzisa iinkonzo ezizizo ebantwini nangokulinganayo, kungajongwanga ukuba umntu uhlala kuphi na. Le nyewe yemida ingenza kungabikho xolo phakathi kwabahlali kungenxa yoko ke kufanelekile ukuba iphathwe ngendlela eyiyo nangocoselelo, utshilo uXasa.

Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: UNkosi Sejoseng, uCeba Nomasomi Mshuqwana, uMphathiswa uXasa, uCeba Sobuthongo kwakunye no Ceba Sandile Sello bobabini baphuma kuMasipala wase Alfred Nzo kunye noSodolophu waseMatatiele uMbedla.

# Ubuncwane base-*sweet Matat* buthwala iziqhamo

Ngowe 2002 umbutho wokhenketho i-Mehloding Community Tourism Trust iye yeza nento abiyibiza ngokuba yi-Mehloding Adventure Trail, ehamba kumahlandinyuka weentaba zeDrakensberg eMaluti. Ukususela ngowe 2003 lo mbutho ubusebenza nomnye ofizwa ngokuba yi-Freedom Challenge ekuphuhliseni okanye ekukhuthazeni ukhwelo lweebhayisekile kulo mzila woluhehewu.

Kusetyenziswana ne-Freedom Challenge oku kulandelayo ngoku sele kusenziwa: ukulungisa nokuphucula indlela yokubaleka kweebhayisekile nokubonisa okanye ukucacisa iindlela ezizakubaleka kuyo iibhayisekile kwakunye nokucacisa umzila, ukwenza kubekho ukuba abakhweli zibhayisekile babenokucaciselwa kwasekuhlalelni indlela emakuhanjwe ngayo ziibhayisekile, ukuba kubekho indawo engasetyenziswa nendawo yokudibanela abo bakhwela iibhayisekile.

Qho ngonyaka, kule minyaka eli-13 edlulileyo, abantu abaninzi ababeleke imithwalo ngasemva yaye bekhwele ibhayisekile soloko bedlula apha kule ngingqi yethu. Bayinxalenye yento okanye umdyarho osele uqhubeka nowaziwa ngokuba yi-Freedom Challenge ethi ibone abathabatha inxaxheba bekhwele ibhayisekile besuka e-Pietermaritzburg baye kutsho eKapa behamba ngale ndlela esele siyibize ngokuba yi- Freedom Trail. Omunye umgama ohamba ulandela lo mzila uhamba usuka e-Taylorville ubengathi uya ngase Matatiele ukusuka apho unqumle kwiilali zase Mpharane, ThabaChicha, Tinana kwakunye naseVuvu phambi kokuba ujongise phezulu kwintaba zoKhwahlamba emaluti uye kungena e-Rhodes. Njengo mbutho, lo mnyhadala okanye lomdyarho i-Freedom Challenge izama ukuba isebenzise ikakhulu amacebo nabancedi okanye iinkonzo eziphuma kubahlali.

“Siyathemba ukuba oku kube noncedo olukhulu kubabhali abakwindlela yomzila walo mdyarho. Ithe kananjalo loo nto yabonisa ubuntu nobubele obukhoyo phakathi kwabahlali bokwazi ukwamkela abantu. Siyakholelwa ukuba lo mdyarho ubeluncedo olukhulu kubahlali abasendleleni yomzila.” utshilo uMnu TshepoLesholu wombutho i-Mehloding Community Tourism Trust.

Kule minyaka uqhubeka lo mdyarho, abathabathi nxaxheba kulo mdyarho i-Freedom Challenge bayithande kakhulu into yokwamkeleka kwabo nenceba nokuncedwa ngabantu baseMatatiele. Baye bacela i-Freedom Challenge ukuba ize neendlela abangathi ngayo nabo bafake isandla esicacayo ukubonisa indlela ababulela ngayo.

Ibe ngenxa yesosizathu ke into ethe yabangela kubekho uncedo oluzakuxhanyulwa ngabafundi olubizwa ngokuba yi-Freedom Challenge Scholarship Fund. Olu ncedo luzakunikwa abafundi abaphuma kwizikolo ezikufutshane nalo mzila womdyarho. Olu ncedo lwe-Freedom Challenge Scholarship Fund luquka, imfundo kwisikolo samabanga aphakamileyo i-Mariazell High School.

Uncedo olukhutshwayo luzakuthabatha iminyaka emithathu luquka ibanga 10, 11 kwakunye nele-12. Kwakhona imali zokufunda esikolweni umntu uzakuncedwa nangazo, imali zokuhlala ngaphakathi esikolweni, iincwadi kwakunye neyunifomu. Ekupheleni konyaka ngamnye abaphumeleleyo kuza kufuneka babonise iziphumo. Indlela yokuba umntu uziphethe njani na esikolweni nayo izakujongwa. Ukuba kubekho ukusilele okuthile kule migaqo loo nto ingabangela ukuba uncedo olo lokufunda lupheliswe.

Xa ufuna ulwazi oluthe vetshe, abafundi abalulangazelelayo bangahambela ii-ofisi zalo mbutho i-Mehloding Tourism Trust ezise Matatiele Museum okanye batsalela umnxeba kwal 039 737 3289 ngamaxesha okuba ii-ofisi zivuliwe.

# Iinkokheli zase Maluti zikhuthaza umanyano

Emva kokubulawa komnye wabahlali kwilali yaseMpharane kwa Wadi 13, usomlomo womasipala waseMatatiela uCeba Nomasomi Mshuqwana ekunye noPhetheyo kwi-ofisi yeQumrhu eliLawula neliphethe indlela yokuhlalisa abantu nelaziwa ngokuba yi-Matatiele-Mt Fletcher Cluster baye bahambela le ngingqi ngo-Agasti 2017. UCeba Mshuqwana uye wamenywa ngulo mmandla obizwa ngokuba yi-Nkosi George Moshesh uzokucacisa ukungavisisani okuthe kwavela phakathi kwabahlali nabanye abahlali abaphuma kwamanye amazwe.

Lo wathi wabulawa eberentisa ngevenkile yakhe kubantu abaphuma kumazwe angaphandle yaye abantu kucaca ukuba abayithandi loo nto. Into eyazekayo ebantwini yeyokuba abantu abaphuma kumazwe angaphandle bathengiswa iziyobisi kubantwana abancinane. Kodwa kuye kwafumaneka ukuba okuthengiswayo ayizoziyobisi zokwenyani , intlama yokuncamathisela (glue) esetyenziswayo kakubi ngabantwana bethu. It was however later discovered that it is not 'real drugs' but glue that is believed to be misused by young people.

INkosi yengingqi, uNkosi Moshoeshe ukugxekile ukubulawa komhlali wabongoza ukuba abahlali baphathane ngendlela nangokulinganayo. iNkosi ithe kwakhona yavakalisa uvelwano kusapho lalowa wathi wabulawa.

“Njengo rhulumente kwakunye nomasipala wase Matatiele, asikuthazi ukuhlaselwa kwabantu abaphuma kwamanye amazwe okanye nakowuphina umntu.

Ke ngoko ke sibongoza abantu basekuhlaleni bathandane ekuzameni ukusa uluntu phambili”, ubongoze watsho uSomlomo. Amapolisa sele eqalile ngophando. Wanga umphefumlo wakhe angaphumla ngoxolo.



Izithuthi zamapolisa endlela

Ngoku ungacela igama lakho libhalwe phantsi ukwenzela into yokuba ubengomnye abazakuba ngabaqhubi beekhowudi –ngeekhowudi zemoto eMatatiele

## Iindawo ezintsha zokuvavanya abaqhubi bekhowudi uC1 kunye no C2

UMasipala esebenzisa umnyango weSebe IweeNkonzo zoLuntu usiphendule isililo sabantu baseMatatiele esokuba bengenayo indawo eyeyabo yokuvavanyela iikhowudi C1 kwakunye ne C2 zephepha-mvume lokuqhuba imoto.

Abantu ngoku abasafanelanga ukuba bahambe bbaye kwezinye iindawo ukwenzela into yokuba bafumane amaphepha-mvume okuqhuba. Kunamhlanje-nje bangaphaya kweshumi abantu abasele bephumelele iikhoWudi zabo zeC1 yaye mnye kuphela okwangoku osele efumene okanye ephumelele i khowudi C2yephepha-mvume lokuqhuba.

Singathanda ukuba sikhuthaze uluntu ukuba luze ngaphambili lubhalise ukwenzela lufumane incwadi zokuqhuba kwiofisi zethu zokhuselo loluntu, beze ke noku kulandelayo: isazisi esiqinisekisiweyo, ubungqina apho umntu ahlala khona, imali engange R345.00. Ngaphezu koko, umasipala sele unezithuthuthu ezihlanu azifumeneyo ukubamba ucwangco ezindleleni. Ezizithuthuthu ezinamandla angange 300cc zilula yaye zikhaphu-khaphu xa uzisebenzisa, ziyahamba nakwindlela yomhlaba. Ziya kusetyenziswa ukuba zincede ukukhulula izithuthi zingaxinani endleleni yaye zikwazi nokubaleka ngokukhawuleza ziye kufikelela apho kuthe kwenzeka ingozi endleleni khona. I-Maluti ne Cedarville ziya kuthi zizibone ezizithuthuthu rhoqo zisihla-zinyuka zisenza umsebenzi wazo wokubamba ucwangco ezindleleni.

*Ukhuseleko ezindleleni luxanduva lomntu wonke*

# Lixesha lokuba sike sijonge indlela yokunxibelelana

Urhulumente ubona unxibelelwano njengeyona nto ingundoqo kuziso Iweenkonzo ebantwini kananjalo isesona sixhobo ekuboniseni nasekwaziseni ngeenkqubo zikarhulumenete.

UMasipala uye wabamba indibano yeentsuku ezimbini kwiholo yaseMatatiele kuboniswana ngendlela zokunxibelelana nabantu. Ezi njongo ezingundoqo zeminyaka emihlanu neziqulunqwe kunyaka ophelileyo, zibonisa ngemigaqo emayilandelwe emayisetyenziswe xa kujongwe ukuzisa iinkonzo eluntwini. Oku kuquka iinjongo ezingundoqo zikarhulumente, ulawulo loonondaba, ukuquka abo abanomdla, ukunxibelelana kujongwe kuphuhliso, ukwazi inkqubo karhulumente, intengiso nokulawula ubumme nembonakalo karhulumente.

Esamkela ababelapho, uCeba Momelezi Mbedla wagxininisa kwinto yokuba kuqiniswe unxibelelwano phakathi korhulumente nabahlali. Kwaye kwafikelelwa kwizigqibo zokuba kuqinisekiswe ngokwazisa ngeenkqubo zikarhulumente ngokuhambiselana nemigomo emihlanu ephambili. Iindlela nezinto ezingafuneka ukuqinisa amaqonga xa kuthethwa nabo banomdla njengokuba kubekiwe kwi IDP kamasipala zaye zaxoxwa.

Ngaphezu koko, kuye kwacaciswa into yokuba iinjongo ezingundoqo zikarhulumente zonxibelelwano ngeminyaka 2017 – 2018 kufuneka zixhasene nawo onke amasebe neminye iminyango encedisana nabantu.Abanye ke kwabo babelapho ibingabamele ezosasazo kurhulumente (GCIS) nombutho owaziwa ngokuba yi-Freedom of Expression Institute. Le ndibano iye yazinyaswa kukubakho kananjalo kooceba , abaphetheyo kwiindawo ngeendawo, iminyango ethile karhulumente, abamele abezosasazo namaphepha ndaba.

Abezosasazo benqila baye bathanda intsebenziswano phakathi kukarhulumente kunye nabo babongoza urhulumente aqhubeke ukusebenzisana kunye nabo. UMasipala angathanda ukubulela abo bathe bazimasa le ndibano.



USodolophu Momelezi Mbedla esamkela iindwendwe ezazilapho.



Usihlalo wekomiti ejongene nezobelelwano nakwiNkqubo eezikhethekileyo uCeba Shumikazi Mzozoyana ebonisa indlela eya phambili

# Iindaba zemidlalo

# Ukhuphiswano lweembaleki olubanjwa qho ngonyaka

UMasipala wenginqi yaseMatatiele ehlangene nombutho owaziwa ngokuba yi Ced-Matat Athletics Club uye wabamba ukhuphiswano lwesi-5 lweembaleki oluthe lwaba yimpumelelo ngenyanga kaOktobha ngowe 2017.

Iqale kwa Lunda, kwa Wadi 10, lo mdyarho uye wabona kuthabatha kuwo abantu abangaphaya kwama 500 abathe bathabatha inxaxheba yaye ube neendlela nje zawo ezingaqhelekanga ezithe zaba nomtsalane kwabo abathi bathabatha inxaxheba. Ezi ndlela ziye zaquka esuka kwaLunda , igqithe eHarry Gwala Park iyekuhlangana phambili nendlela eya eMaluti, into ke ethi iyenze ibe ngowona mdyarho ungaqhelekanga kwilizwe lonke.

Uvulwe ke olukhuphiswano ngokusesikweni ngusishalo wekomoti enjonge noPhuhliso lwezoqoqosho kunye nokuceba uCeba Nomonde Nkukhu, umdyarho uye wathabatha umgama ongama 21 km, 10 km, 5km kwakunye ne 1.5 km. UCeba Nkukhu uye wathi lo mdyarho wenzelwe nokubonisa ubuhle baseMatatiele yaye ube nomtsalane nakwabo bafuna ukutyelela ngaphakathi nangaphandle kwelizwe.

Lo mdyarho obanjwa rhoqo ngonyanga uqale ngowe 2013 ukuba uhlanganise kwakhona nalowo ubude bungama 24 km ophakathi kweCedarville neMatatiele owawuqhele ukubonwa kuqala phaya ngeminyaka eyadlulayo yoma 1980s. Kwakhona ikhuthaza ukhuphiswano lweembaleki kwinto zonke, ukutsho oko, ukuthabatha inxaxheba ekubalekeni endleleni nakwimigama emide nakumabala okwenza oko.

"Ngenxa yalo mdyarho sinethemba lokuba sakhe indibano nokuqhelana ekuhlaleni, sifundise nokuba abantu bakwazi babe nokubeka iimbono zabo kwizinto ngezinto bekhululekile ezigqondweni yaye benokumela oko ezingqondweni nangokomzimba njengabantu bonke abaphilayo, ngakumbi ulutsha kwakunye nokukhhuthaza ukhenketho," utshilo uNkukhu.

khange ibe nokothusa okuninzi into yokuba kuphumelele phambili kumdyarho wama 21km umntu ophuma eKlerksdorp phantsi kweNesbank, awuqoshelise lomdyarho ngeyure enemizuzu nje emithandathu.



Uceba Motloli, USihlalo kwiqumrhu lokuba uluntu luThabathe iNxaxheba lube nokubeka Izimvo zalo ngexesha bekufundiswa ooceba abatsha kumaGumbi eBhunga likaMasipala.

# ooCeba abatsha bafumane uqeqesho kwezolawulo

Umasipala uye ukususela ngomhla wama 20 ukuya kuma 24 kaNovemba waqalisa ngoqeqesho lwabo abazakusebenza phakathi kwabahlali – ooceba, iikomiti zamawadi, abo abaza kuncedisana kwinkxaso okanye ekusebenzisaneni nama wadi kwinzame zokuba kubekho ukuzimela nokuzisebenzela.

NgokoMthetho kaRhulumente weNqila (*Local Government: Municipal Structures Act, 1998*, uyayitsho into yokuba makubekho iiKomiti zamaWadi njengendlela yokukhuthaza abahlali babe nokuthabatha inxaxheba kwimicimbi kamasipala. Ikomiti yewadi inendawo elawula ihambe iphelele khona engagqithiyo kwimida yewadi. IiKomiti zamaWadi nabanye abangabancedisi okanye balityathanga elithi lihlangasise uCeba nabahlali: baye babeke kuCeba izinto ezidla umzi ngewadi kwakunye nangoCeba kanye lowo. Banganegalelo egameni labahlali ngezigqibo, amacebo,iiprojekthi, ngengcebo ye-IDP, ngendlela abaphetheya abasebenza ngayo nalapho imali yeKansile ingathunyelwa khona.

Badlala nendima ebalulekileyo ekwaziseni nasekucebiseni ukuba imali kamasipala ingasetyenziswa njani na. Abahlali base Matatiele bayacelwa ukuba baye kwezintlanganiso zokuba kunyulwe ezikomiti zamawadi zikaMasipala weNqila eMatatiele.






Uceba Nomonde Nkukhu emele uSodophu xa bekubhiyozelwa usuku lesifo sikagawulayo ebelubanjelwe kwilali yase Machibini.

# Kukhunjulwa umhla wesifo sikagawulayo kumhlaba uphela

Intetha ethi: 'Yeka umsebenzi wethu wenzeke ubonakale' yintetha ephambili okanye ebalaseleyo ngosuku lokuhlonipha ngo 2017 iMini yesifo ugawulawo apha eMhlabeni – yaye ihambelana nokugqitywe liQumrhu laseKuhlaleni eMatatiele elijongene nogawulayo. Ababenomdla baye balombhelela olusuku kwiholo yase Machibini ekwaWadi 5 ngosuku lwe-7 kuDisemba.

Le ndawo iMachibini ibiyeyona ibonakala ichaphazeleka kakhuku ngokuba nogawulayo. Phantsi kwesihloko esithi 'Ndinelungelo lokwazi ukuba mna ndimephi na. Ukhuseleko luxanduva olujonge mna', kuye kwagxininiswa kulo nyaka ukulwa ngokukhawuleza okukhulu ukhuseleko kwesi sifo, i-TB, kwakunye nezifo zesondo.

Kwaye kwajongwa indlela esilwiswa ngayo . Kwaye kwaziswa nendlela iphondo elingasilwa ngayo sihlangene ne-TB.

IMini yoMhlaba yeSifo ugawulayo lithuba lokuba bonke abahlali badibane balwe nesi sifo, babonise nenkxaso kubantu abanaso, bakhumbule nabo bathi basweleka ngenxa yaso, injongo kukwazisa ukuqinisekisa ukuba amalungelo abantu abanesisifo akhuselekile yaye nokubabandlulula akuvumelekanga kude kufikelelwe kwinto yokuba isifo se-AIDS ne TB izinga laso lihlile okanye sipheliswe.

Ethetha nabantu ngaloo mini, uCeba Nomaroma Ludidi waye wathi: "Into yokuba kufumaniseke unesisifo, ayithethi loo nto ukuba kuphelile ngawe, ungaqhubeka usenza izinto obubawela ukuzenza ube yile nto ubufuna ukuba yiyo."

Owaye bambele uSodolophu ngaloo mini, uCeba Nomonde Nkukhu umemelele bonke abantu base Matatiele, kwilali yaseChibini ikakhulu, bayiqonde into yokuba isifo sikagawulayo siyakwazi ukulawuleka. "Ukuba unesifo sikagawulayo, kufuneka uyazi into yokuba ungaphila ubomi obude wonwabe ukuba kodwa ke uthabatha unyango lwakho ngendlela," utshilo. Uye wongezelela ngelithi abahlali bangathabatheli kubo uxanduva lokunyanga esi sifo. Angekhe kananjalo kweli xesha sikulo siyinyamezele into yokuba simane siqhubeka sisiva ukuba kukho abantu abamane bona bamane bejongwa kakubi ngabanye kuba benesisifo, utshilo uCeba Nkukhu", said Cllr Nkukhu. Uye kwakhona wagxininisa into yokuba kusekho imfuneko engamandla ukwenzela into yokuba kuthotywe izinga lokosulelana ngesi sifo sikagawulayo.



Uceba uNomaroma Ludidi–Mzonke esothula umyalezo wakhe exhasa uluntu efundisa abahlali ukuba bangohlula-hluli abantu kuba benesifo sikagawulayo.



Usister Pieters ophuma kwiSebe lezeMpilo ebonisa abahlali indlela yokusebenzisa izithinteli ukuba bazikhusele kwisifo sengculaza nakwezinye izifo.



Abahlali base Chibini ngexesha bekukhunjulwa imini yeLizwe lonke yeSifo sikaGawulayo.

# Isigaba sesi-3 eKhotsong TB hospital siza nemisebenzi





Iinkokheli zikaMasipala wase Matatiele nakwisibheblele we-TB kunye nonookontraka ngexesha bekuyiwe khona uyokuhlola osele kwenziwe nekqubela

> "Iprojekthi yesibhedlele se-TB eKhotsong ixabisa ngaphaya kwama R436 million yaye ibiliqhayiya yaye sele ijike yatshintsha idolophu yase Matatiele yaba yintsika yethemba kubahlali."

Iinkokheli zikamasipala nezesibhedlele ze-TB eKhotsong zikhokelwe ngusodolophu obambeleyo u Thembeka Dyantyi, ziye zatyelela isibhedlele ise-TB sase Khotsong ukuzokuhlola kujongisiswe ikqubela kosele kwenziwe ekwakhiweni kwesigaba sesi-3 sesi sibhedlele esixabisa ama R436m. Bangaphaya kwe-14 oosomashishini abancinane abasakhulayo abaye banikwa imisebenzi oxabisa, xa uhlanganisiwe, imali engama R8,1 million kule projekthi yesi sibhedlele.

Esinye isixa semali esingama R94 million sibekelwe ecaleni ukulungiselela osomashishini base kuhlaleni , ingakumbi abo abasakhulalyo nabakushishino lokwakha eMatatiele okanye abahlala kutshane nalapho. Isibhedlele sase Khotsong sixabisa ngaphaya kwama R436 million yaye ibiliqhayiya yaye sele ijike yatshintsha idolophu yase Matatiele yaba yintsika yethemba kubahlali.

"Le mali sele ixeliwe yinxalenye yemali engama35% esele icwangcisiwe yexabiso lilonke lalo msebenzi weprojekhthi uwonke", utshilo uUnathi Maholwana, ojongene nosomashishini abasakhulayo kumbutho i-CDC.

Elinye lala wosomashishini abasakhulayo noxhamlayo kule projekthi ngu Sibongile Shangase. Lo ke uphetheyo kwishini elaziwa ngokuba yi-Tankimzwa Catering and Construction, ongcambu ziseMaluti uye wabalisa ngendlela iprojekthi ethe yanceda ngayo ekuveliseni izakhono nokuziphucula."

Elinye ishishini elisakhulayo nalo elikule projekthi yi-Qhamani Project, umniniyo onguPhakama Evens. UMnu u-Evans uye wenza umbulelo ngoncedo alufumene ngenxa yale projekthi.

# URHULUMENTE UZISA IINKONZO EBANTWINI



Unkosi Thabang Kuali esamkela iindwendwe kumcimbi we-ICROP



Uceba wase Ward 16 , uLungisani Nkamba esothula intetho yakhe egameni likaSodolophu



Unkosk Mpati Mokhoane: Olawulayo kwiNqila yaseMatatiele yakwaSASSA ebeka isizathu sokuba



Uceba wakwa Wadi 15, uCeba Moshoeshoe ephakathi kwabahlali

I-arhente yenkam-nkam kweli eyaziwa ngokuba yi-*South African Social Security Agency* (SASSA) idibene noMasipala weNqila, iSebe lezeMpilo,kwakunye neSebe lakwaNtlalo-ntle ithe yancedisana kwimizamo yokusondeza urhulumente ebantwini besebenza phantsi kwephulo elaziwa ngokuba yi-*Integrated Community Outreach Programme* (ICROP).

Le ntlanganiso ye- ICROP ibibanjelwe kwilali yase Mechechaneng (Wadi 16) ngo 29 November, 2017. Injongo ibiyeyokuba kubekho ukusebenzisana ngokweenkozo eziya ebantwini phakathi kweminyango karhulumente kukhokela phambili intetha ethi 'Batho Pele' okanye ngamanye amagama 'Abantu Phambili'.

I-ICROP yinkqubo urhulumente anyanzelisa ukuba ifikelele kuwo onke amawadi akwindawo ezikude zeMpuma Koloni ukwenzela into yokuba kuqaliswe ukuzisa iinkonzo ebantwini kuphucuke nemeko yendlela iinkonzo ezo eziyakuthi zisebenze yaye zibeluncedo ngayo ebantwini.

I-arhente kwakunye neSebe lakwaNtlalo-ntle iye yangena kwiminyango-ngeminyango yemizi ifuna ukwazi ngesimo salo mizi kulo wadi, into ethe yabonisa elubala ukuba uninzi lwemizi luphila imeko engaphantsi nakweye ntlupheko. Ezinye izinto ezithe zabonakala ngaphambili beziquka oku: abantwana abaninzi abanazo iziqinisekiso zokuzalwa; abantwana abakhubazekileyo akukho zikolo ezakhiweyo ukulungielela bona; kukho usetyenziso oluninzi lweziyobisi; kukho ukungabikho okuninzi kokungaphangeli; ulwazi olulambathayo ngesifo sida gawulayo kwakunye nezinye ke izinto ezihlangene nobugebenga nazo ziye zabonakala zininzi.

Ngenjongo yokufaka isandla, i-arhente iye yahlanganisa intsebenziswano ukusa uncedo ebantwini bamaWadi 15 no 16, batsho benikezela ngepasile zokutya ezingaphezu kwama 20 ukuncedisana nokufunekayo kumakhayo athe akhethwa ukuba azifumane ipasile ezo.

OoCeba bamawadi omabini, UCeba Lungisani Nkamba no Mofihli Moshoeshoe bayamkele le nto yenziweyo kubahlali bezilali. "Urhulumente kufuneka aqinise uthungelwano nabahlali xa besenza oko kufuneka basebenzisane kwabona ukuqinisekisa iinkonzo eziya endaweni enye aziphindwa-phindwa kucace ngokwenyani ukuba kukho intsebenziswano phakathi kurhulumente".




Abahlali behlangene nabaphangelela urhulumente ngexesha lendibano ye ICROP




Le nkqubo ithe yabona abantwana abahamba isikolo nabaphuma kumakhaya atsala nzima befumana isinxibo sesikolo abayithengelwe ngu-SASSA





Abahlali bakwa Wadi15 no 16 befumana iinkonzo zikarhulumente ezithe zaziswa kulo ngingqi






**Kumasipala 'apho Indalo, ulimo, notyelelo zizinto ongakhetha kuzo ukuba ufake imali yakho kweliphi na icala.'**

# Siyindawo yokutyelela xa uthanda ungaya khona

UMasipala waseMatatiele uye wathabatha utyelelo olusinge kwindawo ezinika umtsalane ukusukela eMehloding ukuya eLesotho ebambisene ne Maluti Drakensberg Transfrontier Programme eye yathaba iintsuku ezintlanu ukususela ngowe 25 – 30 Oktobha.

Oku kwenziwe kwaba yimpumelelo ngenxa yesandla esithe safakwa yi- Volkswagen (VW) South Africa, the Maloti Drakensberg Route (MDR), Boundless Southern Africa kwakunye neLesotho Tourism Development Corporation (LTDC). Iintatheli eziphuma kwimizi ngemizi yopapasho eziquke kwakunye ne Daily Dispatch ziye zathabatha inxaxheba.

Kumasipala apho 'INdalo, uLimo noKhenketho ziindawo apho ungazikhethela ukuba ufake imali yakho khona' iinjongo zale mizamo ibikukubonisa into eninzi engekachukunyiswa ngokwezokhenketho apha kule ndawo yase Maluti nakwingingqi yeentaba i-Drakensburg.

Kumsitho obuye wenziwa ngumasipala nothe wabalasela kusithiwa ndlelantle kwiSithethi seBhunga, uCeba Nomasomi Mshuqwana uthe oku kukuqala kwezinto ezinkulu ezisezakwenzeka eMatatiele. "Icebo esinalo ngoku kukuba sibe nkukucacayo okubhalwe phantsi engazokuhlanganisa nje kuphela iindawo ezithile zokhenketho, kodwa eyakuthi kananjalo yandise ulwazi yazise nangezinto ezifunekayo kwezo khenketho eMatatiele", sitshilo iSithethi.



Olu hambo beluxhaswe ngabakwa VW – iimoto zakwa-amarok



Kusikwa iribhini into ebonisa iminqweno yokuba abo bathabatha inxaxheba bahambe kakuhle




Abaphetheyo kwi-Ngxowa-mali yeNkxaso kwiiNgozi zeNdlela bencedisana nabahlali abafuna ukuqonda ngezicelo zabo bakwazi nokufaka ezinye ezintsha.

## Ingxowa-mali yeNkxaso kwiiNgozi zeNdlela isendleleni

Ingxowa-mali yeNkxaso kwiiNgozi neNdlela yinto yabantu bonke karhulumente yaye umsebenzi wayo kokuhlawula abo bathe bangamaxhoba eengozi zemoto iqinisekisa kananjalo ukhuseleko ezindleleni.

Phaya ekuqaleni kwenyanga kaNovemba, kwiholo yase dolophini eMatatiele, leNgxowa-mali yeNkxaso yaye yaqalisa ngokuzisa iinkonzo ebantwini baseMatatiele nakwiziphaluka isebenzisa intetha ezibonakalisa kwakunye neqheleke ngayo ethi: 'RAF on the Road'.

Ngexesha bekuqhubeka lendibano, abantu abakhe banengozi zemoto bakwazile ukuba bakhangele ukuba bangakwazi na ukuphina benze isicelo sokufumana enye inkxaso, bafumane ulwazi lokuba bangakwazi ukuncediseka ngenkxaso xa befuna ukudibana nonyango, bafumane nolwazi ngemali eyathi bayinikwa ukuba yayingakanani na, bafumane nethuba lokuba lokudibana bathethe nabasebenzela iNgxowa-mali yeNkxaso bazi nzulu ngokunxulumene nabo.

# NGAPHAYA KWEEGLASI ZOKUFOTA



Umphathiswa Zokwana encenceshela umthi wepesika otyalwe ngexesha lotyalo lwemithi eCedarville kwa Wadi 26.



Uceba wakwa Wadi 26, uThabiso Mohoto , noyiNtloko ekuziseni iiNkonzo uCeba Sicelo Maphasa noMphathiswa uSenzeni Zokwana



Umphathiswa wePhondo lweMpuma Koloni woPhuhliso eziLalini uMnu Qhoboshiyane emilisela isityalo somthi kwindawo eyaziwa ngokuba yi-Ingcambu Agricultural Corporative eCedarville




Umfundi waseMaluti wesikolo sabakhubazekileyo i-Maluti Disability School encedisa kutyalo lomthi i-yellowwood ebonakala esecaleni koMphathiswa uZokwana nokwiPhondo leMpuma Koloni uQoboshiyane



Isithethi sikaMasipala waseMatatiele, uCeba Nomasomi Mshuqwana kudliwano-ndlebe nesitishi sosasazo i- Alfred Nzo Community Radio Station ngexesha bekuxoxwa ukuxhotyiswa kolutsha




Usekela Sodolophu kuMasipala weSithili sase Alfred Nzo uCeba Sandile Sello kudliwano-ndlebe nesitishi sosasazo i-Alfred Nzo Community Radio Station ngexesha bekuxoxwa ukuxhotyiswa kolutsha




Indibano yolutsha ithe yabona kuqaliswa ngokubunjwa kweebhodi zosasazo lolwazi ukuncedisana lnolutsha



Indawo eMatatiele apho kuthengiselwa khona okutsha okulinywayo



Indawo eMatatiele apho kuthengiselwa khona okutsha okulinywayo



Isigaba sesithathu sesakhiwo sesibhedlele sesifo sephepha ii-Khotsong TB Hospital

## *Ifoto ezinomtsalane* zomdyarho obizwa njenge MATA2PONT EVENT



Abakhweli bebhayisekile belungele ukuba banduluke





Umfanekiso ivela ku Mnu Sakkie Maartens

